Isalathiso: 20170822-4131
12/17/9
Imibuzo: T Cloete

INgcaciso eMfutshane yokuXhasa amaZiko ngeZibonelelo: 0006/2017

Iya: KumaSekela Balawuli abaziiNtloko (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoQuquzelelo neNgcebiso ngezeKharityhulam, kuBacebisi ngeZifundo, kuBasebenzi be*SLES* nakwiiNqununu kunye nakooSihlalo bamabhunga olawulo ezikolo zikarhulumente

Isihloko: Ukubhiyozela iVeki yeeNcwadi kaZwelonke ka-2017 kunye noSuku loLwazi lokuFunda nokuBhala lwamaZwe ngamaZwe e*WCED*

1. ISebe loBugcisa neNkcubeko (*DCAS*), libambisene *neSouth African Book Development Council* (*SABDC*), libhengeze ukuba iVeki yeeNcwadi kaZwelonke (*NBW*) ka-2017 iya kubhiyozelwa ukususela nge-04 ukuya kwi-10 Septemba 2017. Umxholo walo nyaka uthi "***#BUY_A_BOOK***".

2. Lo mxholo ukhuthaza kwaye ukhuthaza abantu "bathenge baze banikele ngencwadi" ukukhuthaza ukufumaneka ngobuninzi kweencwadi ezahlukeneyo zelizwe lethu zikwiilwimi zelizwe lethu.

3. Eli phulo liya kuqhubekela kwi-***Exclusive Books***, kwi-***Bargain Books*** nakwi-***Takealot.com*** ukususela nge-28 Agasti ukuya nge-17 Septemba 2017. Aba bathengisi beencwadi baya kuthengisela uluntu **izihloko ezikhethiweyo nge-R20**.

4. I-Education *Library and Information Services* (*EDULIS*) icela umngeni **kubo bonke abasebenzi beSebe leMfundo leNtshona Koloni (*WCED*)** bathenge ubuncinane incwadi ibe nye banikele ngayo kwisikolo esikhethwe ngabo ukuze kwandiswe ingqokelela yelayibrari yesikolo/yelayibrari yeklasi/yengqokelela yokufunda okuqhubekela ekoneni yeklasi (*school library/classroom library/reading corner collection*). U-*EDULIS* ukhuthaza onke amaziko abeke ibhokisi yokufaka iincwadi ekunikelwa ngazo kwindawo efikelelwa lula nguwonke-wonke.

5. Kulo nyaka, uSuku loLwazi lokuFunda nokuBhala lwamaZwe ngamaZwe (i-8 kaSeptemba) luya kubhiyozelwa kwihlabathi jikelele kwaye umxholo walo uthi

"Literacy in a Digital World" **("ULwazi lokuFunda nokuBhala kwiLizwe leKhompyutha").**

6. Injongo yalo mxholo kukuphicotha iintlobo ezahlukeneyo zezakhono zolwazi lokufunda nokubhala ezifunwa ngabantu ngokumana kuqhagamshelwana ngokukhulayo nabantu ekunxityelelwana nabo ngekhompyutha, kwanokuphicotha imigaqo-nkqubo neenkqubo zolwazi lokufunda nokubhala ezisebenza ngempumelelo ezinokuphucula amathuba anikwa lilizwe lekhompyutha.

7. I-*WCED* ikhuthaza izikolo zithathe inxaxheba kwiingxoxo nakwimisebenzi ngokuthi:

- zibethelele ulwazi lweentlobo ezahlukeneyo zezakhono zolwazi lokufunda nokubhala ezifunwa ngabantu ukuqhagamshelana nelizwe lekhompyutha kunye nentsingiselo yoku kwinkqubo yokufunda nokufundisa ulwazi lokufunda nokubhala;
- zabelane zikwacazulula iinkqubo ezinika ithemba ngokuphathelele kwimigaqo-nkqubo, kwiiprogram, ekubekweni nasekuhlolweni kwakunye nakwinkxaso ngemali ephuhlisa ulwazi lokufunda nokubhala kwilizwe lekhompyutha; kunye
- nokuphicotha indlela ithekhinoloji yekhompyutha enokuxhasa ngayo inkqubela kulutsha kunye nolwazi lokufunda nokubhala lwabadala.

8. Kungaqhagamshelwana nala magosa esithili alandelayo ngeenkonzo zeelayibrari zezikolo:

Faith Lawrence	UMcebisi weeLayibrari zeZikolo, lSithili seMfundo i*West Coast*	Ifoni: 021 860 1562
Janine Ontong	UMcebisi weeLayibrari zeZikolo, lSithili seMfundo i*Cape Winelands*	Ifoni: 023 348 4657
Carol van der Heever	UMcebisi weeLayibrari zeZikolo, lSithili seMfundo i*Metro South*	Ifoni 021 370 2084

9. Ukuphendula kwizicelo ezisuka kootitshala ngeenkonzo zengcebiso ngeelayibrari zezikolo, kungaqhagamshelwana nalo msebenzi we-*EDULIS* ulandelayo:

Timothy Cloete	UMququzeleli: weeLayibrari zeZikolo	Ifoni: 021 957 9626

ISAYINWE: NGU-HA LEWIS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEZOCWANGCISO LWEMFUNDO
UMHLA: 2017-08-24